IPROJEKTHI YEMIZILA YAMAGUGU EZEMIDLALO YASEROBBEN ISLAND

Ngexesha elibi lembandezelo nokuphelelwa lithemba elalitshutshumbisa amabanjwa kwisiqithi iRobben Island, ezemidlalo kwakukuphela kwento eyayisakha ubudlelane phakathi kwawo. Amabanjwa enza ingqokelela eyodwa yamarekhodi ebonisa imbali yemidlalo eyayisenziwa eRobben Island ukususela kowe-1966 ukuya kowew-1991. Le ngqokelela ngoku igcinwe kuMyuziyam woVimba-mpepha ezibalulekileyo weRobben Island iMayibuye kwiYunivesithi yaseNtshona Koloni - Kumaxesha amaninzi isiqithi iRobben Island sayanyaniswa nenzima, intlungu nentlupheko kodwa ezi rekhodi zona zibonisa elinye icala lobomi bentolongo. Zibonisa ubomi obahlukileyo kobo besiqhelo bemidlalo eyahlukileyo nenika umdla nenqanaba eliphezulu lonxulumano ngezinto-yinto zokuhlala kwabo njengamabanjwa.

Kumabanjwa amaninzi ezopolitiko, ezemidlalo zazisenza indima enkulu ekuzinziseni imeko, zinika ithemba kwaye zibaqinisa, oko kusenza imeko yabo ibe yenyamezelekayo. Le misebenzi yobugcisa yiyo enika ubungqina bohlobo ezemidlalo ezilumanya ngayo uluntu, kanti yona imigangatho ephezulu, imithetho-siseko neempawu zentsulungeko zizinto ezithe zayanyaniswa nemigangatho ephezulu, iinqobo neempawu zentsulungeko ezithe zayanyaniswa namabanjwa ezopolitiko aseRobben Island.

ISebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo (DCAS) ikubone kubalulekile ukuqokelelwa nemfuno yokugcinwa ibonwe zizizukulwana ezizayo. I-DCAS ne-Interdisciplinary Centre for Sport Science and Development (ICESSD) zisungule le projekthi zasebenzisana neMyuziyam yaseRobben Island ukuphumeza inkqubo yokugcina le ngqokelela kwi-elektronika. Isigaba sayo sokuqala le projekthi siqale ekuqaleni konyaka wama-2012. Inxenye yesibini esithathwini sale misebenzi sele igcinwe ngokohlobo le-elektronika.

Eli phulo lidibanise abantu abaninzi abasuka kwiinkalo ezahlukileyo zemisebenzi kuquka izifundiswa, abathweswe izidanga, abafundi kumaziko emfundo ephakamileyo, oosomyuziyam, iingcali kwezemidlalo namagosa karhulumente ngenjongo enye yokuphumeza [yokugcina/ yokulondoloza eyona nto ibalulekileyo, inkqubo yemidlalo]umba obalulekileyo oyinkcubeko yemidlalo yaseRobben Island. Le projekthi iya kuvula iingcango kuluntu oluninzi. Ngethemba lokuba oku kuya kukhuthaza izifundo ezimbaxa ezintlobontlobo zeengqokelela kwanokukhulisa umdla wabantu kweli candela. Amahlakani ale projekthi akholelwa ekubeni le Projekthi yeMizila yamaGugu ezemiDlalo yaseRobben Island iya kuba yinkuthazo ebantwini, kwimibutho nakweminye imibutho enomdla kwimidlalo negalelo lemidlalo ekumanyeni uluntu.

URhulumente weNtshona Koloni
IMICIMBI YENKCUBEKO NEZEMIDLALO
UBAMBISWANO NGAMANDLA.

UNIVERSITY of the WESTERN CAPE

Robben Island MUSEUM

icessd